



Elalini eyiMasoyi kwakuhlala intombazana ehlakaniphileyo enguNomsa.

Wayehlala nomakhulu wakhe owayengumlimi wombona.


Abantu abaninzi kule lali babengakwazi ukufunda nokubhala. Babephila ngokulima.



UNomsa wayethanda ukuya esikolweni, yaye umakhulu wakhe wayezingca ngaye.

Yonke imihla xa avela esikolweni uNomsa, umakhulu wakhe wayemnika imisebenzi amakayenze.

Kwakufuneka agxothe iinkawu neentaka ezazifuna ukutya umbona nezinye izityalo.



UNomsa wakubona kunzima ukugxotha iinkawu neentaka ngazo zonke iimvakwemini.

Wayesoloko engenaxesha lokuwugqiba umsebenzi wakhe wesikolo.

Abantwana abaninzi elalini babengayi esikolweni, kwakufuneka babe semasimini imini yonke.



Ekuhambeni kwexesha uNomsa waya edinwa ngokudinwa kukugxotha iintaka neenkawu emasimini.

“Ndinengcinga ebonisa ukuhlakanipha,” wacinga ngolo hlobo.



UNomsa wahlanganisa izinti wazibopha ngenyameko.
Wazisongela izinti ngehemphe yakhe yokusebenza waza
wabophelela umbindi wenyanda ngombhinqo wakhe.

Wazimisa nkqo izinti waza wabeka umnqwazi wakhe
womsebenzi phezu kwazo. Yayisisoyikiso eso!



UNomsa wasibeka isoyikiso phakathi entsimini yombona.

“Oku kuza kuthatha indawo yam xa ndisenza umsebenzi wesikolo. Umakhulu uza kucinga ukuba ndisentsimini,” uNomsa wazincumela.



Yonke imihla wayethatha ngokufihla ibhegi yakhe yesikolo aye nayo emasimini.

Wayehlala ngempahla yesikolo anxibise isoyikiso iimpahla zakhe zokusebenza.

Emva koko wenza umsebenzi wakhe wesikolo esemthunzini womthi.



Ngokuhamba kweentsuku uNomsa wacinga, “Umakhulu akasoze alibhaqe eli cebo lam lokuhlakanipha.”

UNomsa wayonwabile kunjalo emangalisekile kwangelo xesha linye.

Iinkawu neentaka azizange ziye entsimini yombona.



Ngenye imini emva kwemini umakhulu kaNomsa waya emasimini efuna umbona omtsha.

Kwakuthe cwaka entsimini. Zazingekho iinkawu neentaka.

Umakhulu wazicingela, “UNomsa wenza umsebenzi omhle.”



Umakhulu wakhwaza, “Nomsa! Nomsa! Uphi?”

Kwakungekho mpendulo.

Wada wasibhaqa isoyikiso embindini wentsimi sinxibe
iimpahla zikaNomsa!



Xa umakhulu wayekubhaqile oko kwenziweyo nguNomsa, waba nebhongo ngomzukulwana wakhe.

Wacinga umakhulu, "Oku kukuhlakanipha. Akukho mfuneko yokuba umzukulwana wam makaye emasimini ayokugxotha iinkawu neentaka."



Bonke kule lali baqalisa ukusebenzisa icebo lokuhlakanipha likaNomsa. Bonke baqala ukusebenzisa isoyikiso emasimini abo.

Isoyikiso sasigxotha iinkawu neentaka zisuke emasimini.

Bonke abantwana belali bakwazi ukuya esikolweni.